U-FOLOKOCO

NGOKU AKATENGELI UYADYARAZA !

*BANTSUNDU! BANTSUNDU!*

CALA NABESOSITHILI,

NANZO IGUTINYUZI.

U-FOLOKOCO (Pascoe) wase QONCE

UVULE IVENKILE ENKULU

E-CALA.

Leyo ibisakuba yeka WEBB, kwibala le Mariki. Manibe Nilungisa Amehlo. Impahla Entsha Iyeza.

KUNI BALUNGE

E-MONTI NAKWESOSITHILI!

NIHLALEL UKUWELWA LITAMSANQA,

U-FOLOKOCO (PASCOE) Uyakuba pakati kwenu ekupeleni kuka October Uyakuvula lovenkile ingakweyezihlangu yo SMALE & Co.

OXFORD STREET.

Kwezindawo uyakuqhala ofani-ngofani bempahla engazanga yabonwa E-CALA nase ZILANDANA- Efikile u FOLOKOCO ayehla

Pakati kwako konke oku kugilana ninga mlibali apo akona

E-QONCE

Apo nombona ngokwake (salufu).

NGE ZANTSI KWE TYALIKE YE ZIKOTSHI,

KINGWILLIAMSTOWN.

IZIVATO ZEMITSHATO!

GIBBERD & BRYANT


Izivato ze Satin emhlope 35s.
Izivato ezimhlope ze Brocade Satin 40s.
Ezi - Pink nezi - Blue zokutshi- ntsha 25s.
I Satin Emhlope 9d., 1s, 1s. 6d. iyadi

I Brocaded Satin Emhlope 1s. 6d., 2s., 2s. 6d.
Ebomvu ne Blowu i Brocaded Satin.
Emhlope i Brocaded Satin 6d., 9d.
I Muslin enemigca emhlope 6d., 1s.

*Qondani: INGUBO ZOKUTSHATA ne-ZOKUTSHINTSHA ziyenziwa xa ziodolweyo,*

I Chemises Ezitrinywe nge lesi l/- Izihlangu Zekid Ezimhlope.
Izihlangu Zekid 4/-, Ezibotshwa ngemitya 5/-

GIBBERD & BRYANT.



Igusha Igusha

"I-Nicotine Excelsior" I-Dip Yecuba

(Helena yeza Lokwekwe Ezigusheni),

LIGQITA ONKE !

ALIBENZAKALISI UBOYA.

I-GALLON ENYE, izanyiswe kwi 150 i- gallon zamanzi abandayo zinokuhlambu- lula 500 ne 600 EGUSHA emva kokuba kucetyiwe.

I arente E-Qonce ngu

GEO. WHITAKER.

Yile Dipu ekuhlanjwa ngayo kwitanki zela ma Mfengu.
J. WIGLEY, Nomaheya. R. J. BUDGE, Kotana.

## Ololiwe baka Rulumeni,

BELASE MPUMALANGA.

*Utyelelo lo MHLEKAZI IRULUNELI, e Molteno, Aliwal North, nase Burghersdorp.*

### Ukunikwa kwe Tikiti Zabahambi

EZITSHIPU.

I RETURN TICKETS ngamanani alula kunene nxeliweyo kumapetshana ashici lelweyo, ziya kunikwa ukuya e Molteno, e Aliwal North, nase Burghersdorp, ukusuka kuzo zonke Izitishi, ngezintsuku zilandelayo:—

Ukuya e Molteno, ngolwesi Ne, 3 March, nentsuku ezilandelayo, kude kube ngo Mvulo, 7 March, anokubuya ngazo umntu de kube ngo Mgqibelo, 12 March, 1892.

Ukuya e Aliwal North, ngolwesi-Hlanu, 4 March, nentsuku ezilandelayo, de kube lolwesi Tatu, 9 March, anokubuya ngaze umntu de kube nge Cawa, 13 March, 1892.

Ukuya e Burghersdorp, nge Cawa, 6 March, nentsuku ezilandelayo, de kube ngolwesi Ne, 10 March, anokubnya ngalo umntu kude kube nge Cawa, 13 March, 1892.

J. O. PATERSON,
Acting Traffic Manager.

Traffic Manager's Office,
East London, March 1st, 1892.

## ISAZISO.

INTLANGANISO Yabatunywa bo Manyano Iwase Bhayi, iya kuba kwa Brownlee, ngolwesi NE, 3RD MARCH, 1892, ngo 8 pm.
GEO. A. Ross, Secretary.

## Iveki.

Lisabalele kweli silunge kulo.

Inkumbi ziman' ukuxelwa futi e Cathcart nase Stutterheim.

Kwelase Alvani inkumbi zisaseloko ziyilata. Nase Bloemfontein kuxelwa kwalonto.

Ucingo olusuka e Komani oluya c Cala luya kuvulwa ngo June; luya ku- gqita luye nase Maclear.

Abalunge nonxweme lolwandle e Ngqushwa nase Monti bafumene imvu- la ezimnandi ngeveki egqitileyo.

Ngo Mgqibelo ongapaya yaye iyintla- nganiso kumzi wase Cradock ukukange- la amacebo okuba kubeko i Hospital kweso sixeko.

Yintlanganiso e Qonee yabatunywa bo Manyano Lwase Bai ngolwesi-Ne ngokuhhva, 3 March. Kangela kwi zaziso.

Intlanganiso ebeke sati imisehve uku- bako Emfundisweni pakati ko Ndabeni no Sigcau isaroxisiwe ngetuba lokububa kwenkosi engu Qipu.

E Johannesburg ngo Mvulo umbane ubete abantu abamnyama abatatu bafa, waquba kodwa isibini sabamhlope ku- ningxuma oyi Geldenhuis.

Umoya uvutuze ngokoyikekayo e Oporto e Yurope kwatshona umzi wonke obuse zinqanaweni uloba intlanzi. Bakumakulu amabini abafileyo.

Ihlala ngolwesi-Bini Iweveki ezayo i Jaji e Bhai, yakubon' ukuba iwaqale e Tinara ngolwesi-Tatu Iwaleveki ime- Iwe kuba se Rafu ngolwesi-Hlani Iwayo.

Ama Slamsi agqebene induma e Kapa xa kusetyalikeni ngolwesi Hlanu olu- gqitileyo. Isizekabani wahlulelene umzi ngomfundisi — ukumfuna nokunga- mfuni.

Ipalamente yase Natal inike u Rulu- meni igunya lokwenza incite ye £500 ukulungiselela ukubonisa ku Mboniso Omkulu e Kimberley kwento zalo Koloni.

Ngesipango esidlule pezu ko Mgungu- ndlovu kuveki engapaya izulu libete umti okufupi netyalike yama Wesile e Chapel Street, kwako nefestile ezapu- kayo kulondlu yetyalike.

Ngase Mzimkulu—kwicala elilunge e Natal—kuxelwa ezedabi pakati kwezi- zwe zama Baca nama Kuze, bekuse tywaleni, ekufe isine samadoda, amanye esemngcipekweni wokufa.

Kwicala le Kapa eliyi Zonnebloem kutshe kakubi sisibane ilele ingasici- manga, esiwele engutyeni zokulala, intokazi engu Sarah Isaacs; usana abe- lele nalo Iwasinda Iona.

Indodana emhlope engu J. M. Lus- combe ekaya lise England izibulele kwisiqingata se Bai esiyi Richmond Hill ngokusela i carbolic acid (ityefu) ngokuti ibe ngafuna umsebenzi ingawu- fumani.

Imantyi yase Qonee isingete umcimbi womfo ofe edabini ekuyeni e Zeleni, kube kubambene abaqubi benqwelo nento ezimbini zika Malgas Jingose ezibe ziquba eyoyise. Zipambi kwama- tyala zombini.

U Mr. Reuben Ayliff oneminyaka emininzi ekumshela Ijaji zamatyala ase Rini upumile ngoku emsebenzini ukuba axamle ipenshini. Ukwanendlela yo- kuke ahambele kwelipesheya kolwa- ndle kuzo ezinyanga.

Sizive zambi ezokuba u Mr. McGillivray ugula ngokungatembisayo e Lovedale. Lo Mr. McGillivray ibisisa- nkole setitsbala yalowo mzi yeshishini lokucwela; ayakutwalwa nakude ngabamaziyo ngokufundiswa nguye nangokuqeqesha intsapo yabo; kwanangaba- hlobo balomaqela.

Ngemicimbi yelase ma-Mpondweni ezokugqibela zezokuba Unkosi Sigcau namapakati ake ubekangelwe Emfu- ndisweni, kwakunye nemantyi zelipetwe ngu Ndabeni ukuya kunikela inkomo zika Mhlangaso, nokukangela umcimbi wokumiselwa koyakuba ngamehlo ka Rulumeni ema Mpondweni, nokunike- Iwana kwenkomo ezibiwe kwimibuso yomibini.

## KUBAMKEL'-'IMVO.'

NGENTOBEKO enkulu bayacelwa bonke abanemali zelipepa ukuza ekupeleni konyaka ogqitileyo 31 December, 1891; (kwanabaliyeka ipepa benamatyala) ukuba BAQOSHELISE ezonto ngo MARCH LO; kuba igqitile lenyanga kuya kwenziwa imigudu epilileyo ukuyimema.

## Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE. MARCH. 3, 1892

### *NGOMZI WAKWA GQIRASHE EQONCE.*

BOKUMBULA abalesi be Mvo ukuba kweleveki egqitileyo senze amanqaku ngomzi wakwa Gqira wabantsundu ose Qonce, saye siman' ukupata-siyeka malungana nenteto ezingenguqulo ekupatweni kwalowo mzi, sinesililo sokunga zangamana ezonguqulo azingeti kant' zigushe elokuncipisa ilungelo lamawetu kulowo mzi sawenzelwa bububele be Ruluneli u Sir GEORGE GREY. Kuti kanti ngalamabal' engwe siwile kuwetu i *Cape Mercury,* elinye lamapepa ase Qonce. Le ilandelayo yinteto yelopepa ependula leyo ibikwi Mvo :—

U Dr. Blaine ungowokuvelwa usizi ngenxa yokugxwagxushwa kwake ngapandle kwesizatu nemfanelo yi Mvo yayizolo. Umzi oyi Grey Hospital, nangapandle kokugxeka impato yawo yangapambili, ubukufuna ngokuiusizi ukunlanjululwa ukuba ude ufike kwi siganga ekuso imizi yogqirashe yezimini zento ezintsha. Abo bacinga ngokuba lomzi uyinto kanye obe ufanele ukuba yiyo, mababe abakange babe netuba lokutyelelela i Kimberley Hospital, ne zinye ezilaulwa ngamacebo ekuqutywa ngawo ngezimini. Kuko umahluko omkulu kwimpato ye Hospital yo 1860 neyo 1890. Ukuza kwelixesha u Dr. BLAINK awulula umsebenzi awupeteyo, saye sibe site sawukangela ngentliziyo encomayo sakumbona eqabela pezu kwe ngxakoko njengendoda. Abasebenzi abadala kubonakele beshenxile. Akubangako kunceda. Bafumaneke bengumtwalo okwangangemilwelwe emidala ede yafuduselwa e Rini inyanda ipela. Kodwa kuzo zonke ezinguqulo u Dr. BLAINE akatanga awulibale umsebenzi eyamiseIwa wona i Hospital, saye sisiva ngabangena kuposisa ukuba ngokupatelele kwi siqu sake uyatandwa kunene zi Netevu. Kuqinisekilo kona ukuba inani labapiwa amayeza bengapandle komzi alincipile, ukuncipa kwabapakati kwamasango e Hospital kubangwe kukuba u Dr. BLAINE engavumi ukuba apatwe emehlweni, ezimisele kanjaqo ukuyincipisa incito ye Hospital. Ngalamatuba ufanelwe kudunyiswa, ingabi kunyeliswa. IMVO kusentweni ezimbini, .mayibe ibhukuqwe kakubi okanye inoburara—yangamana ingaba ibhukuqiwe—iyakuba iquba ngokungebnbo ubulumko ukuba ingenisa uluvo kwabantsundu ukuba bapetwe ngobugwenxa. Into eyamiselwa yona i Grey Hospital ifeziwe, ukubako kwayo njengomzi owawungenwa ze akusafuneki n'ganto, kwanokuba ube ngumzi wabantsundu bodwa. Ekutike nakuba singa azingede zivalwe ingcango kwintsizi zoluntu nokuba bobalipina ibala, sibe nolangazelelo lokuba zibe imini zokubaboba abantsundu zigqitile, saye sitemba ukuba ngenxa yokuba singa banganga-madoda azimeleyo, u Rulumeni uyakumisela ukuba bonke abaya ku Dr. BLAINE babe nento abayirumayo ngokuxilongwa nangamayeza—ngokukodwa amayeza de babe beze nepepa le ofisi lokuba bangamahlwempu kanye. Xa kunyaniswa kanye kukwenza intswela-bulungisa kubalungiseleli bamayeza ukuba kubeko i Grey Hospital ewanika ze amayeza kwi Netevu, ngokoke u Dr. BLAINE uyakuxhaswa ngqindilili ukuba uyakujokisa kude kube sekupeleni ngenguqulo azenzavo, nokuba oko kuya kuyikhuba kuyixakaniso IMVO.

Lenteto ilandelayo yebhalwe kwakuba kubonakele le yandulelayo :—

MNUMZETU,—Ndinosizi ukufumana ukuba kanti kubeko iroba kwinteto emfutshane ye Mvo nge Grey Hospital, ote wabona ngako ukuba iyinteto yokumemela u Dr. BLAINE ingqina. Akuko nto ibimgama njengaleyo ezingqondweni zombhali walonteto. Into yona kukuba kube kuko ulwandile pakati kwabantsundu ukuba bayawuhlutwa umzi wakwa gqirashe. Ukugxotwa kwayo yonke impi ebasobenzi kutike kwatiwa kuyinto ebonakalisa lonto. Kuti ngapandle koko inteto ezinjengeye *Cape Mercury* ukuba " ikufezile eyaye imiselwe kona i Grey Hospital, yaye ukubako kwayo njengomzi onokungenwa ze kungasafuneki nganto, kwanokukuba ibe ngumzi wabantsundu kupela,"—zinteto zolohlobo, manditsho, ezifika zikwezelele uloyiko esendiluxelilile emhlambinl. Ibilulangazelelo lokufumana inyaniso—kunokumemela bani umhlahlo, ete yabhalwa lenteto uyikalaxelayo; yaye incazo yokuba akuko moya wokwenza into engapandle kwe yaye imiselwe yona i Hospital, kwanokuba inguqulo ezenziwayo zijonge ekuyihlaziyeni ukuba ifane nemizi yezimini, iyeyanelisayo. Ukumiselwa kuka Dr. BLAINE kukankanywe kodwa kuba bekutetwa; yaye bengekungonakalanga entweni ebekungayo nokuba ubengakankanywanga kuba ubengabekwa sigxeko. Kodwa kona ukupatwa kwegama lake kubuye kwanoncedo kuba ubeyakude aziwe nganina ukuba ulelinye lamagqira apambili ukuwazi umsebenzi—into engapikwayo ke.

Owako &c.,
UMHLELI WE " Mvo."

February 26, 1892.

## Amacapaza.

Kuluvuyo ukuva ukuba amadoda amakulu E Glen Grey ake anentlanganiso ukuve- lela imicimbi epatelele ekubangweni kwelo lizwe ngama Bulu. Besekufun' ukuba situkutezi kuti oko ube ungati umzi ufun' ukulityeshela ilungelo lawo. Ngoku ushukumayo kuko itemba ukuba *alles zal gerecht koni.* Enye yamadoda ake asela umoya ka Rulumeni ngati iti akangekumangale u Rulumeni ukubanika izatifikiti zokuma abantsundu kodwa zitaitile abutuntu kuzo. Londawo ukuba injalo ubufanele ukuba uyixumele umzi wase Glen Grey, kuba akunaninani " onozikakana " ku- nelize. Sikutsho oku singabeqela elimele itaitile e Cala, kuba kona umzi awubangisani nama Bulu, njengase Glen Grey; kwaye kungabonakali ke ukuba kuyakumangalwa netaitile kude kutinina ninina.

INTSHUKUMO amele i GUN GREY.

REV. ISAAC WAUCHOPE. Umzi wakowabo ontsu- u ndu uyakuvuya ukuva ukuba lendodana yo- hlanga yaziwa kunene ete yanexesha ifundela ubufundisi e Lovedale, ifikile kwincakam ebifunzele kuyo ngokuti yamkele isicelo se Bandla lase Dipente elibe lisakuba lelika Faloyi, lase Bofolo nase Gqugesi. Kuyimfanelo ukukankanya apa ukuba ufundi- sclwe ubufundisi ngemali yento zika Rev. E. Solomon, ezenzela unina isiku- mbuzo soyise. Yaye into engumanga- liso ikukuba ete ukuwugqiba u Mr. Wauchope umsebenzi wake, wasitela elizweni u Mrs. Solomon. Kuhlalele ukuba abekwe izandla u Mr. Wauchope nokuba kukule Cawa izayo, mhlaimbi kweziya kulandela yona. U Mr. Wauchope isisipo kuye — akazenzisi engasekeleze naludumo kulento—ukuzamela ilungelo lomzi wakowabo kwa esese Tinara eyi titshala kude kwase Bai, elikumsha e ofisini; akwenzeki ukuba kungabiko intshukumo entle kuyo yonke indawo ati abekuyo, ena- ngoku ezakuba se Bofolo nje uyakubona nawe. Ufuduke ngolwesi-Hlanu Iwe- gqitileyo e Dikeni ukuya kwi Bandla ahpatisiweyo, esivuya nalo kuba linga- sakuba lifumene umfundisi oyakuzama- na nendlu, kodwa umfo oyakuba pa- mbili entweni zonke—ezenyama nezo- mpefumlo—ukunceda umzi wakowabo. Ekuyeni kwake e Bbfolo ulandelwa lulangazelelo lomzi wonke ontsundu onga angatamsanqeleka emsebenzini wake.

ABAVOTI BE DIKE- NGQUSHWA. Kulilungelo u k u b a umzi olunge e Dikeni nase Ngqushwa uhla- le ukwazi u k u m a kwawo entweni zevoti. Ipepa lase Dikeni libengeza lamanani abavoti be Palamente

| | Abamhlope. | Abantsundu. | Bebonke. |
|---|---|---|---|
| E-Dikeni - - | 235 | 157 | 392 |
| Engqushwa - | 261 | 91 | 352 |
| | 496 | 248 | 744 |

Impi entsundu ininzi kunento eyayiyiyo ukutumela kwayo e Palamente umnumzana ongu Mcazi-Mteto wombuso opeteyo. Indawo elibala elibi bubuxelegu ekubo i Ngqushwa ukuti ingumzi om- dala odumileyo wabantsundu kanti akwenzeki ukulxa abavoti bagqite ku 91. Ngamahlazo aya kutiwanina la, 0, Ngqushwa!

ABAVOTI BEZIQINGATA. Kwakwipepa lase Dikeni sifumana ingxelo yenani labavoti bokunyula amalungu Ebu- nga Lesiqingata. Kulomqulu inani lamawetu ligqitile kwelabamhlope; Abamhlope ba 138; Abantsundu 144. Ukuma nokufa xwenkanti ngomteto omtsha kuxbmekeke koludidi Iwabavo- ti. Nakuhlala niyazi lonto mhlambi wase Dikeni.

## Impawana.

Ukuqotyoshwa komcimbi ongaba uyenziwa yi Komiti kuqalile ukuqondwa nangaba mhlope beli lizwe, kwakubon' ukuba kube kusapele nge Amerika. Kwelozwe umsebe- nzi ongaba uyenziwa ufika nxhonywe kum- ntu omnye oqondwayo ukuba ungamlingana, aze abe nguye onyula abo aqondayo ukuba bangambambisa into ekukangelwe ukuba ayipumelelise. E Cradock kwiveki engapa- ya kwaye kuko intlanganiso ukukangela amacebo okumiswa kwe Hospital yomzi wakona, ekubonakele kubo bonke ukuba iyafuneka. Waza ke u Mr. Gilfillan " wa- propoza" ukuba Inkulu yomzi Mayor) inikwe igunya ukuba iyizame into leyo ngobhalelano no Rulumeni. —U Mr Frie- linghaus ute ubebi kungalatwa i Komiti— u Mr. Gilfillan ute akakolwa yindlela yoku- sebenza nge Komiti, kodwa ucinga ukuba "Imeya" inokuyimela indawo yomzi ngeli tuba.—U Mr. Frielinghaus ute woyisakele, waza u Mr. J, P. du Plessis, M L.A., wati naye ubeke wacinga ngoku " propoza " iko- miti kodwa uyiboniie into yokuyiyekela i Meya lendawo.

***

Kuti sisekwelinqaku landulelayo sikumbule esikuve kuzo eziveki zipelayo ngelu ngu lentlanganiso esingasakuyibalula ngagama elati kuba lingangi ingapumelela la " propoza " isixwexwe so Komiti elaziyo ukuba ayisoza ibe nakudibana ukuquba umsebenzi. Uhlabe nkangele nkomo kuba ingati into ijonge ukuba iqutywe ngabo bonke abantu abacinga ukuba banezwi kuyo ayide ihambe—ukuzaliseka kwesiteto sase Mangesini esiti, " Everybody's business is nobody's business."

***

Zinendawo ezifuneka ngokukulu kuzo ikomiti, nezifika zibe luncedo kuzo; amawangasivi gwenxa amawetu njengokungati singabangayifuniyo kanye into eyi komiti. Ikomiti zintlobo mbini. Iyodwa eyokupa. nda umcimbi obonakala ungenakugqitywa kakuhle libandla. Kweyolohlobo abantu bezimvo ngezimvo banokudityaniswa ukuze basondeze ukuqonda kwamacala ngamacala. Kodwa kwi Komiti yokuhanjiswa kwezinto esazeke kngqitywe kuzo li Bandla, kukona- kalisa nokurazula umsebenzi ukumis' abantu abaluvo lungahlangeneyo nabafihlene intli- ziyo. Omawulumke ke umzi njengokuba ubonakala unolangazelelo lokuziquba nge ndlela yase mlungwini izinto, ukuba uka- ngele kakuhle ukuba ungapitikezi njengokuba usewenjenjalo kwezinye izinto—woti utabata amasiko obu- Ngesi kanti nposiwe ngawona masiko, kanti udapule uboya be ntenetya.

***

" lukanyiso yase Natal " ihlabela umhla- hlo obukali ngakulutsha Iwelozwe olweza kweli ngetuba lemfundo Iwagoduka lupete nenteto ye Sixhosa. Um'bhali wamanqaba. za elopepa pantsi kwegama ekungelunge nto silibhale ngenteto yelo, ulibhexesha shushu ikaba uti : —" Ake kuvele otnunye owaziyo kahle ukuba bakitshelwa ukuya ufundani e Koloni. Kuhle ngizwe uma babeyofunda isi Xosa noma isi Ngisi, Yini ukuba ngiti lapa ngibabuzayo abanye kubo ukuti benzani ngesi Xosa lesi emilonyeni yabo, bati sisa- namatela. Mina ke ngibuza linye ngiti kwayeka ukunamatela isi Ngisi abatunywa ngoyise, kwanamatela isi Xosa na? Ubu- mbulwana bwani bona lobo ? Noma nami si Xosa ngingasazi nje ngiyezwa ukuti abasazi sona isi Xosa Pona, uma kusi Xosa bengasazi, kusi Ngisi; okwatiwa abaye. kusifunda bengasazi, kusi Zulu sebakohlwa iso, ilupi ulimi oseku ilona belukuluma? olwakubo ilupi? Kanti ngokuba abantwana batunyelwe ezikoleni zise Koloni; bapendu. Iwa izidingidwane nje? Bapucwa ulimi ababeyakulufunda, benziwa izipoxo nje ! " Bagxwagxushe; nkabi, baqelile!

***

Asiyitakazeli tina into yokumana kugxwagxushwana ngenteto zizizwe zase Afrika, kuba kangeko nto yahlula abantu—abafanayo ngazo zonke indlela—njengenteto: Ukuba lento inteto ibisisinyiti nge- sisiti zonke ozintetwana zahlukahlukileyo zezizwe ezintsundu ngeziposwa ezikweni lomlilo elenziwe shushu kasixenxe zipume zintonye, zihlambulukile ngokwelote enyi- tyikiliswe emlilweni. Yenziwe lonto rbiyakubehle ibe ngumntu omnye yonke into entsundu yase Mazantsi e Afrika ivelane, itandane ; ngokunjalo kwanalento yokurutana ngezilili ingetuba lenteto— kuba lo inteto yake inesikwa sasema Xhoseni eyalo inesase Ntla. Ukanti noxa seyide yanye inteto ilishwa letu kukumangalana ngemilibo yokuzalwa njengokungati umntu lento ikukuzalwa apo azalwe kona uyaze- nzela. Lilishna lobuntu obuntsundu ke elo.

Lendawo yokumangalana kwenti ???
noxa inteto seyinye inebalana elihlekisayo
esaka saliva. Kuti ngokuchitakala kwezi.
zwe zase Ntla, zichitwa yi Mfesane, kubeko
abantu besinye sezizwe eziohitakeleyo abate;
ngokupanza basinga e Lusutu. Befike kona
bayifunde inteto ya Besutu bade bacholela
nengqoto Kanti ke noko abasokwahlukaua
negama lobu " Ndebele fela; ku Besutu.''

Bate kudinwa seso situko bafuduka e Lusutu babuyela kwa kowase Natal umhlaba ; kona babekuzichaza ukuba bangumnombo wabantu abachitakalayo kwelo, awake utsho umzi wabati-jokojo ngelokuba banga Besutu. Bade bagqiba kwelokuba basebeziqalela gama elitsha abayakwaziwa ngalo zizuku- Iwana. Bazinikele bepela Elizwini lika Tixo ukuze bakubuzwa ukuba bangamanina babe nokuti binga Makolwa; kupele okuyakupikiswa bebekutwele ngobu " Nde- bele " nobu Sutu !

Izimanga akubonakali ukuba zoza zipele—e Rabula. Kwaye kase Rabula eyati ingwevu emtandazweni iyambulela u Tixo kuba wayidala yali Bhele; waye ongelilo i Bhele engayiva into emnandi. Namhla kwase Rabula sifumana ezokuzaliseka kwesiprofeto sika Yeshaya—ngomntwana oyakudla ne ramba. Indodana yelo isicele ukuba sivakalise into ebonwe kona kwiveki egqitileyo—umntwana ominyaka isitoba, ote ebedlala umdlalo apa ekutiwa kuzimelana nabanye kanti umana esiya ele kwetyeya nje kulele i ohoshi elikulu kona amane elinyatela lingamenzi luto! Lifunyenwe mbai-mbai.

***

Kwimihlati " yezaziso" kwelanamhla ipepa abalesi betu bakufumana ukuba kuya kuxhonywa ifam yomfi u John Ntutu ese Cwaru e Ngqushwa. Ipakati kwefama zama;.-doda antsundu amelo ele, esingavuya ite yawela kubatengi abamnyama kuba kungolunge nto kungene omhlope.

## Umhlati wa Barwebi.

IMPA LA EHAMBAYO EQONCE.—Amanani afunyenwe ngo Mgqibelo, 27 February ngawo la :—Imazi zenkomo ziqale kwi £1 5s. ne £5 10s, Inkabi £4 10s ne £5 15s, Intsa- tshazana £2 2/6 no £3 2, Inkatyana ezintsha £2 10/ ne £3 15/ Emarike ibiyenqine kakulu yayingeko kanye impahla. Impahla entsha isawafumana amaxabiso.

IMARIKE YASE RINI.—Ngo Mvulo 29 February Isemile 2/6 ne 4/ ngengxowa ; Irasi 5/ ne 6/6 ngengxowa ; lbhotolo 1/2 ne 2/ ngeponti ; Ikapetshu 1/2 ne 2/ ngedazini ; Amaqanda 1/ ne 1/4 ngedazini; lhabile 1/7 ne 2/9 ngekulu ; Inkuku 9d no 1/6 inye ; Amazimba 10/ ne 11/6 ngengxowa ; Umgubo 20/ ne 25/ ngengxowa ; Umbona, nge 2001bs 10/ ne 14/; Itapile, ngekulu 2/6 ne 6/; Amatanga, ngedazini 2/ ne 3/9; lhabile' ezinkozo ngengxowa 5/; Inkuni 15/ ne 32/ ngeflara ; Ingqolowa 7/6 ngekulu.

AMAXABISO EMVELISO YKLIZWE EQONCE — Kumsito wolwesi Bini:--Impondo ezi 111; zifumene 3£d lulunye, ezi 2 3d; ezinga 97 ezingalunganga zifumene 4d ngeqela, ezi 2 zafumana 1d:-- Uboya ingxowa 2, 118lbs, zifumene ngeponti.—Izikumba zegusha 2 nge 25lbs zifumene 4 3/4d ngeponti, ezinye ezi 11 nge 57lbs ngeponti, ezinye ezi 4 ezilandelayo 9lbs 3 1/2d ngeponti, nezinye ezi 23 ezilandela ezo nge 70lbs 3 1/2d ngeponti; ezinye ezi 17 ezingalunganga, nge 511bs zifumene 3 1/2d, ezinye ezikwanjengezo ezi 104 nge 312lbs 3 1/2d —Izikumba zenkomo ezomi- leyo nezisantiweyo ezi 3, nge 751bs 3Jd, isi. kumba 1 esisautiweyo somiswa,- nge 44lbs sifumene 3 1/2d, ezinye ezi 2 ezingalunganga,- nge 461bs 2 1/2d ngeponti, ezi 2 kwayezolohlobo nge 91bs zifumene 3 1/4d ngeponti.

IMARIKE YASE QONCE.—Ngolwesi Tatu, 2 February Ibhotolo 1/3 ne 2/1 ngeponti; Amaqanda lid ne 1/3 ngedazini; lhabilo 9d ne 4/ ngekulu ; Itapile 3/4 ne 6/3; Umbo- na 5/2 ne 5/7 ngekulu; Inkuku 10d ne 1/3 inye; Amatanga 2/4 ngedazini; Umgubo 15/6 ngekulu ; Imbotyi 10/3 ngekulu ; Inku- ni 7/ ne 32/ ngeflara.

### *UMLILO OMKULU E KAPA.*

Kubeko ukutsha kwendlu Azinkulu ezintatu ukumka komhla nge Sabata e Kapa. Amagama ezi zakiwo yi Goede Hope Lodge yama Freemason kwane- ndlu yemigcobo ekutiwa yi Exhibition ne Bhotwe Lompatiswa-Bantsundu. Kakade kwenzakele into ezininzi ezine- xabiso kona, ngokukodwa amapepa emi- cimbi kweyo Mpatiswa i ofisi, ekubalu- Iwa angamabali abelungiselelwa ngu Mr. Theal.

EMGWALI.—Um'bhaleli olapa uti:—Isifo samahashe tina apa sisimanga. Lisuke ihashe life kwa oko ubulikwele lingenayo nento. Site sakufika kum saqala nge xego elidala lam, ndite k wa oko yini betu, lento kuqala kufe ixego. Ndahla nda- qonda kwa oko ukuba kuyakubanzima kuba nasekufeni kwabantu siti isifo sakuqala ngabakulu kubenzima, kuba abantwana abanamaqinga. Lafa ke ixego lam lehashe Ungqunda, into ebiti yaku- fika pakati kwenkabi utande yakutata ngoquqo. Kute emva koko ndabona elinye, Kute betu liqaleke pezolo kwati ukutshona kwelanga kwasekubonakala ukuba kunzima. Ufile u Nonyondla inkabi yenkwenkwana u Ritoli, lafa engeko nokubako ese Seminareni ; lifile ke namhla kupela. Ibilihashe le races ke elo u Nonyondla, ebelinyondla ezinye inkabi zamanye amadodana. Nonke madodana qeliselani ukuhamba nge- nyawo nikumbule imini ezinje,